



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBER 2010

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA LESITHATHU

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

xhohl3

Olu viwo lunamaphepha asi – 7.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU.

ICANDELO A: Izincoko (50)

ICANDELO B: Imihlathana emide (30)

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngesiXhosa esisulungekileyo.

4. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise uze uwuhlele umsebenzi wakho.

6. Isicwangciso soyilo MASIKHOKELE umsebenzi wakho.

7. Isicwangciso sakho masibhalwe ngokucacileyo.

8. Icandelo ngalinye labele ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: imizuzu engama-80

ICANDELO B: imizuzu engama-40

ICANDELO C: imizuzu engama-30

9. Nombola imibuzo ngendlela ekwenziwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

10. Nika isihloko esifanelekileyo kumbuzo ngamnye.

11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

12. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/ kumhlathana.

13. UBUDE BEEMPENDULO

ICANDELO A: Izincoko: 340 – 390 amagama

ICANDELO B: Imihlathana emide: 100 – 120 (umxholo kuphela)

ICANDELO C: Imihlathana emifutshane: 80 – 100 (umxholo kuphela)

ICANDELO A: IZINCOKO


Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390.

UMBUZO 1

- 1.1 Bhala isincoko esithi, “Indima edlalwa lulutsha kuMzantsi Afrika omtsha.” [50]

OKANYE

- 1.2 Lo mzobo ungezantsi ubonisa ukuxhoma kwamaxabiso okutya phakathi konyaka we-1991 nowama-2008. Abemi beli loMzantsi Afrika batsala nzima, kunzima nokondla iintsapho zabo. Bhala isincoko ngalo qulukubhode wezoqoqosho.

OKUGUGISE IIPOKOTHU!

[50]

OKANYE

- 1.3 “Umfundisi wezakwaLizwi ngumntwana womntu naye, zinkosi”. Kwenzeke ntoni ukuze lo mntu azive sel’ethetha olu hlobo? Bhala isincoko. [50]

OKANYE

- 1.4 Imingcwabo yanamhlanje sele ibonakala iyindawo yokuvusa iphango. Bhala isincoko ngalo mbandela ungundabamlonyeni. [50]

OKANYE

- 1.5 Unqulo **ngumdibanisi** nomahlukanisi weentsapho noluntu. Bhala isincoko ngalo mba. [50]

OKANYE

- 1.6 Bhala isincoko esithi, “Xa ndinokuba nguSomashishini ophume izandla.” [50]

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

OKANYE


- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi ubhale isincoko usinike nesihloko esifanelekileyo.



[50]

OKANYE

- 1.8 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ubhale isincoko malunga nokubaluleka kwemfundo.

**[50]****AMANQAKU ECANDELO A: 50**

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kuphela. Bhala i-100 – 120 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Udade wenu uzibule ngesibotho-bothwana sentombi. Bhala ileta, ubonakalisa ukumvuyela kwakho.

[30]**OKANYE****2.2 IMEMORANDAM**

Ungomnye wabahlali abangonelisekiyo yindlela eniphethwe ngayo ngabongikazi abakwikliniki yenu. Bhalela uCeba wenu imemorandam uxele izikhalazo zenu.

[30]**OKANYE****2.3 INGXOXO**

“Mntwana wam, andiyithandi ncam le bhulukhwe. Gcwizi, isivezele ezinye izinto!”. Ingxoxo ishushu phakathi kukaMaGaba nentombi yakhe uNomaQocwa malunga nesinxibo sale mihla. Bhala le ngxoxo uvelise izimvo zabo bobabini ngalo mbandela wesi sinxibo.

[30]**OKANYE****2.4 IRIVYU**

Ngemini yamakhosikazi, umhla wesithoba ku-Agasti, ubukhuphele umhlobo wakho kwindawo yokutyela esanda kuvulwa. Bhala irivyu ugxininisa kwezi zinto:

- linkcukhacha ngendawo.
- Ukutya
- Amaxabiso
- Iziselo neewayini

Ingaba ungaphinda use umntu kule ndawo?

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**


ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Chonga umhlathana ube **MNYE** kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

UMBUZO 3

3.1 IMIYALELO

Umhlobo wakho ukutsalela umnxeba efuna ukuza kuchitha iiholide kowenu. Indlela eza kowenu akayazi. Mcacisele usebenzisa le mephu ingezantsi.



[20]

OKANYE

3.2 ICWECWE

Bhalela umhlobo wakho icwecwe, umnqwenelele impumelelo kwiimviwo zakhe zokuphela konyaka. Amazwi amnandi ngaphakathi kweli cwecwe makamenze azive ebalulekile ebomini bakho.

[20]

3.3 IPOWUSTA

Yila ipowusta wazise uluntu luphela ngomhla eniya kube nibhiyozela ngalo usuku lweNkcubeko. Xela nezinto eziza kube zisenzeka ngale mini.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100